Isalathiso: 20190204-1238
12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0003/2019

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi boKunika iNkxaso eKufundeni nakwiiNqununu zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) ka-2019 yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

1. ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (ye*WCED*) yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa iya kuqhutywa nge-**05 Matshi 2019**. Kuya kufuneka iinqununu zisayine idatha yobhaliso lwabafundi ukuqinisekisa ukuba ichanekile kwi*Central Management Information System* (*CEMIS*). Umhla osikiweyo wabaphathi bokunika inkxaso ekufundeni (*learning support managers*) wokusayina idatha yeSaveyi eQuphayo (*SNAP Survey data*) ngowe-**15 Matshi 2019**.

2. Phambi kokusayina kwi*CEMIS*, inqununu okanye lowo kugqithiselwe amagunya kuye makaqinisekise ukuba oku kulandelayo kubhalwe ngokuchanekileyo kwi*CEMIS*:

2.1 Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo ngo-2019 bayavela ngokwamabakala achanekileyo abo, ngokweeklasi nodidi lolwimi lokufunda nokufundisa (*language of learning and teaching*) (*LoLT*) oluchanekileyo.
2.2 Kugqityiwe ukukhutshelwa kwabafundi (abamkelwayo nabakhutshwayo esikolweni).
2.3 Lugqityiwe utshintsho kumabakala.
2.4 Kugqityiwe ukutshintshwa kwezifundo.

3. Inqununu kwakhona mayiqinisekise ukuba uluhlu lootitshala abakwi*CEMIS* luhlaziywa ngokutsha yaye lungqinisisiwe, kwakunye neminyaka yamava, amabakala kunye nezifundo ezifundiswa ngo-2019. Wakhuphe amabakala nezifundo ebezifundiswa kwiminyaka egqithileyo ukuba azibandakanyeki kubungakanani bomsebenzi katitshala ka-2019.

4. Ukuncedisa ekungqinisisweni kwedatha yabafundi neyootitshala, iiripoti eziliqela eziqulethe iimposiso ziyafumaneka ukunceda nokuqinisekisa ukuba idatha ekhoyo efakwe *kwiCEMIS* ichanekile. Kucelwa uqinisekise ukuba zonke iimposiso, njengoko zibonisiweyo zezi ripoti, zifumana ukusonjululwa phambi kokuba zisayinwe.

5. Icandelo elisayinwayo lesaveyi malizaliswe njengenkqubo yokuvuma ukuba idatha ingqinisisiwe yaye iyimbonakaliso echanekileyo yokubhalisa kwabafundi kunye nenani labasebenzi nge-**05 Matshi 2019**.

6. Izikolo ezikwizibhedlela kuya kufuneka zizalise ikopi eliphepha yesaveyi eya kunikwa kwizikolo ngqo.

7. Emva kokuba inqununu isayinile nge-05 Matshi 2019, uvandlakanyo (*snapshot*) lwayo yonke idatha yabafundi nootitshala luya kwenziwa yaye naziphi na iimposiso mazisonjululwe phambi kokuba umphathi wokunika inkxaso ekufundeni ayisane nge-**15 Matshi 2019**.

8. Njengegosa elijongene nesistim yolawulo lwengcaciso i-*Education Management Information Systems* (*EMIS*), inqununu mayilawule iinkqubo zedatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokuqinisekisa kunye neesignitsha zabasebenzi ekugqithiselwe amagunya kubo okutshekisha idatha ziyangeniswa xa zicelwa ngabaphicothi-zincwadi. Inkqubo yedatha ye-*EMIS* yezikolo mayirekhodwe ukuqinisekisa ukuphendula malunga nokuchaneka kwedatha, njengoko ingcaciso inokuphicothwa. Kucelwa ukuba ufunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso 0003/2012, yange-10 Agasti 2012, ukufumana ingcaciso engaphezulu.

9. Kunyanzelekile ukuba kusetyenziswe inombolo yesazisi yesizwe (*national identity number*) (*ID*) ngabo bonke abafundi kuzo zonke iisistim zasekhompyutheni zezolawulo nokuphathwa kwezikolo. Ikho iripoti ye*CEMIS* efumanekayo ukuqaphela abafundi abangenazinombolo ze-*ID* nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo zezazisi ezingekhoyo/kweenombolo ze-*ID* ezingachanekanga. UNGAYIFAKI ekhompyutheni inombolo ye-*ID* engekho semthethweni ukuba ngaba umfundi akananombolo ye-*ID* isemthethweni. Kucelwa kwaziswe abazali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* kwiSebe leMicimbi yezeKhaya. Kucelwa iinqununu zibancedise abazali, apho kunako, ukuququzelela le nkqubo isingathwa liSebe leMicimbi yezeKhaya.

10. Ukuba ukufumana kunzima ukuzalisa le saveyi, kucelwa uqhagamshelane noMphathi weSekethe ochaphazelekayo okanye igosa lesithili elidweliswe apha ngezantsi:

ISITHILI	**UMLAWULI WECEMIS WESITHILI**	**IFONI**	**I-IMEYILI**
Metro North	Masixole Stofile Zintle Notununu	021 938 3052/ 021 938 3101	masixole.stofile@westerncape.gov.za zintle.notununu@westerncape.gov.za
Metro Central	Anita McGrath Tercia Southgate	021 514 6751/ 021 514 6737	anita.mcgrath@westerncape.gov.za tercia.southgate@westerncape.gov.za
Metro South	Anastasia Rose Sive Jara	021 370 2120/ 021 370 2106	anastasia.rose@westerncape.gov.za sive.jara@westerncape.gov.za
Metro East	Buseka Ndinisa	021 900 7053/	buseka.ndinisa@westerncape.gov.za

	Thembeka Dlamini	021 900 7011	thembeka.dlamini@westerncape.gov.za
West Coast	Mervan Davids	021 860 1596	mervan.davids@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Kevin van Eeden	023 348 0635	kevin.vaneeden@westerncape.gov.za
Overberg	Suzanne Braaf	028 214 7411	suzanne.braaf@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Romelda Booysen Keith Zibi	044 803 8367/ 044 803 8346	romelda.booysen@westerncape.gov.za keith.zibi@westerncape.gov.za

11. Uphicotho lwakutshanje i-*Education Data Quality Audit*, olwaluqhutywa kwiKota 2 ka-2018, lukhankanye ukuba izikolo azigcini zirekhodi zichanekileyo. Ngoko ke, i*WCED* iya kubeka esweni ukungathotyelwa kwenkqubo nomgangatho wedatha wazo zonke izicelo zeSaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) ize ichaze naziphi na iimeko zokungathotyelwa kwenkqubo, ukungangqinelani kwezinto neempazamo ezikwidatha kwiNtloko yeSebe leMfundo.

12. Kukhunjuzwa izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo ukuba ziziqhelanise nemimiselo yobhaliso. Kucelwa uqaphele ukuba ukuthobela iimfuno ezingummiselo wedatha ye*WCED* kuyinxalenye yale mimiselo, yaye ukungathotyelwa kungakhokelela ekubeni ukhutshwe kubhaliso (*deregistration*).

13. I*WCED* iyalithakazelela igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa emfundo yaye ijonge phambili kwintsebenziswano yenu eqhubelekayo ngo-2019.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2019-02-22